Isalathiso: 20210114-523
Inombolo yefayili: 12/2/10/3
Imibuzo: LR Abrahams

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso noQuquzelelo lweZiko: 0001/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo.

Isihloko: Ukuhlolelwa i-*COVID-19* kwaBafundi kweMihla ngemihla

1. Imiqathango ephathelele kwi-*COVID*-19 ifuna ukuba abafundi bahlolelwe iimpawu zosuleleko zentsholongwane ye-*Corona*, yonke imihla bakufika esikolweni.

2. Le Ngcaciso eMfutshane yeCandelo leSetyhula yenzelwe ukuqinisekisa ukuba izikolo maziqhubeke ukufaka idatha yovavanyo lwabafundi bazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa de ibe irhoxisiwe imfuneko emiselweyo..

3. Ukuze kubenako ukulandelelwa ngokuyimpumelelo kwabantu abachaphazelekayo, kuya kufuneka ukuba idatha ifakwe kwiziko ledatha eliyi-*central database*, yaye ngoko ke iSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) likhethe ukuqhubeka lisebenzisa isixhobo esiqhelekileyo esisetyenziswayo ngoku ukufaka idatha yabo bonke abafundi.

4. Ngako oko **KUNYANZELEKILE** ukuba zonke izikolo zifake idatha yokuhlolwa kwabafundi kwemihla ngemihla kusetyenziswa le linki ilandelayo: https://wcedemis.westerncape.gov.za/wced/lnrcovid.html.

5. Izikolo azinakusebenzisa isistim okanye iifankshini ezizezazo ukufaka idatha yokuhlolwa kwabafundi kwemihla ngemihla; kufuneka zisebenzise ifankshini esemthethweni yeSebe i-*WCED (WCED function)*.

6. Sinqwenela ukuwabulela onke amaziko ngenkxaso nokuyiqonda kwawo le meko ngeli xesha.

7. Yonke imibuzo enxulumene noku kungasentla ingathunyelwa kumphathi wesekethe ochaphazelekayo okanye kwiNtloko yoLawulo noKuphathwa kwamaZiko kwisithili ngasinye.

8. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE: WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWEZIKO
UMHLA: 2021-01-19